Isalathiso: 20210609-3675
Inombolo yefayili: 13/8/1
Imibuzo: M Combrink

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo:0008/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Kucelwa izicelo zesithuba sokuba ligosa elingumakhi-mkhanya (*monitor)* kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) nezeSatifikethi seMatriki (*SC*) zango-2021/2022

1. Ukuqinisekiswa komgangatho, ukuziphatha kakuhle, ulawulo nokusingathwa kweemviwo kubalulekile kuwo onke amanqanaba enkqubo yemfundo. Ukuqinisekisa ukuba iimviwo zithembekile, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) liya kuba lisomeleza ukubekwa esweni kweemviwo kwiphondo liphela.

2. Imimiselo nemigangatho eyeyona isezantsi ekubekweni esweni kwamaziko ekubhalelwa kuwo iimviwo ngethuba leemviwo icacisiwe kumgaqo-nkqubo i-*Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination*, owawupapashwe kwi*Gazethi kaRhulumente* No. 37651 yowe-16 Meyi 2014.

3. ISebe i*WCED* ngokwenjenje licela ootitshala ababeqeshiwe ngaphambili (abadla umhlalaphantsi) okanye amagosa anamava ngokubhalwa nolawulo olufanelekileyo lweemviwo enze isicelo sokuba ligosa elingumakhi-mkhanya (*monitor),* ukubeka esweni iimviwo ze-*NSC* neze-*SC* zango-2021/2022.

4. Abenzi-sicelo abalindelekileyo mabathobele ezi khrayitheriya zilandelayo:

4.1 Ngokhe waqeshwa ngethuba elingaphambili njengomphathi wesekethe, ingcali yemfundo eyintloko, isekela lengcali yemfundo eyintloko, umcwangcisi wekharityhulam omkhulu, umcebisi ngezifundo, ingcali yemfundo eneqhuzu, inqununu, isekela nqununu okanye igosa loviwo.

4.2 Ngonamava eminyaka emithathu ubuncinane njengegosa elingumakhi-mkhanya okanye ekubhalweni, ekulawuleni nasekuphathweni kweemviwo ze-*NSC*/ze-*SC*.

4.3 Ngongenalo irekhodi lolwaphulo-mthetho.

4.4 Ngongagqithanga kwiminyaka yobudala eyi-69. Kuya kufuneka isiqinisekiso sezonyango esisuka kugqirha ukungqina ubume bempilo yakhe.

5. Abenzi-sicelo mabasebenzise izithuthi zabo ukuya kwenza umsebenzi wokuba ligosa elingumakhi-mkhanya.

6. Ziya kutshekishwa yaye zingqininiswe iinkcukacha zawo onke amagosa angabakhi-mkhanya yi-*Dots Africa* eya kwenza ingxelo yokungqinisiswa ngokufaneleka kwawo kulo msebenzi (*personal credential verification report*).

7. Akuyi kuqeshwa njengegosa elingumakhi-mkhanya ukuba:

- wakha wagxotha kwinkonzo kulo naliphi na isebe likarhulumente waseMzantsi Afrika;
- wathatha iphakheji yokuziyekela ngokuzithandela emsebenzini (*voluntary severance package*); okanye
- wathatha umhlalaphantsi ngenxa yokungaphili.
- i-*MIE* iveza inkcazo (*legend) yokunga*thembeki kwakhe engu-"*Risk*".

8. Kuya kufunwa ezi seti zala maxwebhu alandelayo xa kuqeshwa:

- ikopi eqinisekisiweyo yesazisi (*identity document);*
- iinkcukacha zokubhankisha kunye (DPE 3);
- neenkcukacha zenombolo yerhafu.

9. Kuya kuqeshwa amagosa angabakhi-mkhanya ukususela malunga nowe-19 Oktobha 2021 ukuya kowe-10 Disemba 2021 ukulungiselela iimviwo ze*NSC*. Amagosa angabakhi-mkhanya aya kuqwalaselelwa ukuqeshwa kwiimviwo zangoMeyi/Juni 2021, kwaye kuya kufuneka kwakhona ukuba abhale uvavanyo lobuchule nezakhono zomsebenzi (*competency test*) emva kweseshoni yoqeqesho.

10. Onke amagosa angabakhi-mkhanya aqeshiweyo kufuneka aye kuqeqesho lokuba ngamagosa angabakhi-mkhanya oluya kucwangciswa ngoSeptemba/Oktobha 2021, phambi kokuba iimviwo ziqale.

11. Intlawulo yamagosa angabakhi-mkhanya (*monitors*) isekelwe kwiintlawulo ezimiselweyo (*rates*) ezicaciswe kwi-*Personnel Administrative Measures* (*PAM*), njengoko zipapashiweyo kwi*Gazethi kaRhulumente* No. 39684 yowe-12 Februwari 2016.

12. Izicelo mazingeniswe phambi okanye ungadlulanga umhla we-**01 Julayi 2021**.

13. Izicelo zinokungeniswa kuphela ngekhompyutha okanye ngefoni eyimobhayili kusetyenziswa le linki ilandelayo: https://forms.office.com/r/Rv73YECGCA okanye i-*QR code*.

14. Sakuba singenisiwe isicelo, iFom yokuXela iiNkcukacha zoMntu (*Personal Credential Disclosure Form*) iya kuthunyelwa nge-imeyili kubo bonke abenzi-sicelo. Uxwebhu oluzalisiweyo nekopi engqinisisiweyo ye-*ID* yomenzi-sicelo mayiskenwe ngefomathi ye-*PDF* ngokukhawuleza yaye mayithunyelwe nge-imeyili apha: Moya.Combrink@westerncape.gov.za.

15. Kucelwa iinqununu, abalawuli bezithili, abaphathi beesekethe nabacebisi ngezifundo bazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abenzi-sicelo abalindelekileyo. **ICandelo loLawulo loVavanyo alinakubekwa tyala ngokuba abenzi-sicelo abalindelekileyo bengaziswanga ngokuqulethwe apha**.

16. ISebe i*WCED* lithembele kwintsebenziswano nakwinkxaso yenu kulo mbandela ubaluleke kangaka.

ISAYINWE:NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-06-21